



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2012

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha asi – 7.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga / umzobo / imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko / amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundiswa uwuhlele. (Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKELE isincoko.)
6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca ukohlula uyilo kwisihloko kumhlathana ngamnye.
7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:
ICANDELO A: imizuzu engama-80
ICANDELO B: imizuzu engama-40
ICANDELO C: imizuzu engama-30
8. Nombola imibuzo yakho ngendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lembuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihihloko xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo kwisincoko / kumhlathana.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390 kwisincoko ngasinye.

- 1.1 Ukutya kunendima enkulu okuyidlalayo emizimbeni yabantu. Bhala isincoko. [50]

OKANYE

- 1.2 Nangona umthetho welizwe ubakhusela abasetyhini, basaphatheke gadalala. Bhala isincoko ubonise ulovo lwakho ngale nyewe. [50]

OKANYE

- 1.3 lingozi ezimasikizi kwiindlela zeloMzantsi Afrika zehla mihla nezolo, kufa inkitha yabafundi nootitshala. Nguqulelo zini onokuzenza xa unokuba nguMphathiswa wezothutho weli. [50]

OKANYE

- 1.4 Inqununu yethu yasibulala ngentsini kwangentseni ngaloo mini. Sakrukrutheka kwanzima nokuthandaza. Kha usityebisele ngokwenzekayo. [50]

OKANYE

- 1.5 Ulutsha ngumqolo wesizwe. Bhala isincoko esinqina okanye siphikise olu luvo. [50]

OKANYE

- 1.6 Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Beka uyihlo nonyoko, ukuze imihla yakho yolulwe emhlabeni. [50]

OKANYE

- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.



[50]


OKANYE

- 1.8 Qwalasela le mifanekiso wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

A



B



C



D



E



F



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 ukuya kwali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

UMBUZO 2**2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Ujonge ukuya eYunivesithi kunyaka ozayo, kwaye abazali bakho abathathi ntweni. Bhalela nawuphina umzi mveliso wenze isicelo senkxaso-mali.

[30]

OKANYE

2.2 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

Ungunobhala wequmrhu elimele abafundi kwisikolo sakho. Bhala imizuzu ne-ajenda yentlanganiso apho benixoxa ngemiba yokungakhuseleki kwesikolo senu. Bhala izigqibo eniye nafikelela kuzo kwimiba emine ngale meko.

[30]

OKANYE

2.3 INGXELO

KwiTumente yezikolo zeNgingqi eniqhele ukuba nayo minyaka le, isikolo sakho sibuye nodumo kumdlalo womnyazi kanye nowebhola ekhatywayo. Nika ingxelo kubafundi nootitshala abangakhange balifumane ithuba lokuba kuloo midlalo.

[30]

OKANYE

2.4 INTETHO

Isikolo sakho siza kwenza itheko lokuthi ndlela-ntle kwititshala ebinguma-khwekhwetha wesiXhosa. Kutyunjwe wena ukuba wenze intetho nanjengomfundsi owafundiswa yile titshala iminyaka evisayo. Bhala udlwabevu lwentetho oza kulwenza.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama angama-80 ukuya kwali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

3.1 IKHADI LESIMEMO

Udade wenu ugqiba iminyaka engama-21. Unikwe uxanduva lokumema abantu ukuba bazimase loo ndibano. Yila elo khadi lesimemo. [20]

OKANYE**3.2 IMEYILE**

Umhlobo wakho ufundu kwesinye isikolo, mbhalele i-imeyile umbaliselie ngendlela enonwatyiswa ngayo esikolweni senu xa kuphela unyaka. [20]

OKANYE**3.3 IPOWUSTA**

Abahlali baza kwenza umngcelele osinga kwi-ofisi kaSodolophu. Badikwe yeokosa yindlela abaphethwe ngayo abantwana nabasetyhini. Yila ipowusta eyazisa ngalo mngcelele. [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20**AMANQAKU EWONKE:** 100